

AGASTI 2017

24-hour Emergency Fire Brigade 028 313 8000/8111
028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

UMPHATHISWA UXOXA NOLUTSHA NGEMIBA YEZOKHENKETHO

ISebe leSizwe lezoKhenketho ngentsebenziswano noMasipala waseOverstrand, basingethe i-Imbizo yezoKhenketho yoLutsha eZwelihle ngolwesihlanu, umhla wama-23 ku-Juni 2017. Njengenxalenye yemisebenzi yakhe yeNyanga yoLutsha, uMphathiswa wezoKhenketho, uTokozile Xasa, uwusebenzisele lo msitho okokuba axoxe yaye anxibelelane noluntu, ngokunjalo nabafundi bezokhenketho, oosomashishini abasakhulayo, abantu ababhinileyo nabachaphazelekayo kushishino ababazimase loo msitho.

Injongo yalo msitho yayikukuvuselela ngokunjalo ukhenketho lweelokishi nokumilisela isimo sokhenketho lwangaphakathi kuluntu nje oluqhelekileyo. UMphathiswa wamkelwa lilungu lekomiti kaSodolophu kunye nosihlalo obambe isikhundla Sebe lezophuhliso lwezogqosho kunye nezoKhenketho (LED) and Tourism uCeba Elnora Gillion. Kumagqabantshintshi akhe okuvula uthe, "Siziva sihlonipheki ngokubakho kwakho phakathi kwethu namhlanje yaye siyabuvuyela ubukho bakho apha." Uceba uqhube wamkela abachaphazelekayo, abafundi bezokhenketho baseQhayiya, iBlue Flag Stewards, iFemkloof Rangers kunye nenqununu yesikolo sasePrayimari iZwelihle, uNtombizanele Booysen. Uqaqmbise ngokunjalo into yokokuba ingingqi zoluntu maziluthathele ingqalelo ukhenketho njengesinye sezixhobo zokujiyila amathuba oqoqosho. Ukhenketho luzibonakalisa ngamathuba alungiselelwe utshintshiselwano ngoqoqosho, apho abantu bencingqi banakho ukuzixhobisa ze bazizinzise. Kwintetho yakhe engundoqo, uMphathiswa uchaze into yokokuba: Abakhenkethi batsalwa umdla ukuya kwiindawo ngamava nezinto eziyinyani nezizezalo ndawo abazimaneyo. I-Overstrand inoluhlu lweemveliso ezahlukeneyo: ubuhle bendalo, ilifa lemveli, inkcubeko, njl.njl. ezinokuthi zihlanganiswe ukulungiselela imarike ezahlukeneyo, uchaze watsho uMphathiswa Xasa. Wangezelele into yokokuba "ukhenketho aluphelelanga ngaphandle



#WeDoTourism. Abafotwe kwiMbizo yezoKhenketho yoLutsha ngaba (ukusuka ngasekhohlo ukuya ngasekunene) ooCeba Simphiwe Tebele kunye noVuyani Macota, inqununu yesikolo samabanga asePrayimari iZwelihle uNtombizanele Booysen, uCeba Elnora Gillion, UMphathiswa wezoKhenketho uTokozile Xasa, uCeba Andrew Komani, USekele Sodolophu we-ODM uArchie Klaas kunye noCeba Lindile Ntsabo.

kwabantu, izibonelelo nendalo. Siyaziswa okokuba ukhenketho luyanikela kakhulu kwi-GDP yalo mmandla yaye ngoko kufuneka lukhuthazwe yaye lulondolozwe."

Ngaphezulu uchaze okokuba, "Kufuneka sibe nesiseko esomeleleyo solutsha, abantu abaqeqeshiweyo, abathe baxhotyiswa ngamakhono ayimfuneko okokuba baqhubele phambili babambe izikhundla zolawulo, yaye babe balungise kakuhle ukuba babe ngabanini bamashishini noosomashishini bexa elizayo.

Ndiyanikhuthaza okokuba nithethe nomasipala kunye nesebe lam, sikhangele okokuba singayisebenzisa njani italente yakho ze sikuncede uvelise imiphumela engaphezulu edingekayo ukulungiselela wena siqu kunye neentsapho zenu," uthethe watsho uMphathiswa Xasa.

Uluntu lwaseZwelihle luleleze uMphathiswa kunye noceba bamawodi abakhoyo okokuba balunike isikhokhelo ngokufumana ingcaciso nezibonelelo ukulungiselela ukukhulisa amashishini abo amancinane. UMphathiswa ukhuthaze ulutsha okokuba lunike ingqwalasela kwixabiso namandla alo ze luzinike ithuba lokuzilahlela kwimfundo yalo. "Zingce ngoko unako. Abantu bangathanda ukubungcamla obu bomi ubuphilayo; bayafuna ukuyibona indlu yakho. Nantso imarike. Likhona ithuba lokwenza imali. Abakhenkethi bafuna ukuzithengela into abaza kugoduka nayo."

"Ndiyanikhuthaza okokuba nizithathele la mathuba anikezelwa ngurhulumente okokuba nakhe amakhono enu, nifumane amathuba oqeqesho nokufuna amathuba okufunda usengqeshweni nawengqesho, xa athe avela. Njengolutsha lwanamhlanje, unawo amandla okukhetha. Unakho ukuyikhetha indlela yobomi benu banamhlanje, kanti ngokunjalo nobangomso. Mawube ukhetha ngendlela eyiyo - eya kukwenza okokuba uphucule ubomi bakho

uqhubele phambili impilo-ntle yosapho noluntu lwengingqi yakho," utshilo uMphathiswa. Ukuqokumbela, uMphathiswa ukhuthaze uMasipala waseOverstrand okokuba achonge amathuba okhenketho kulo mmandla ze asebenzisane norhulumente wesizwe ukuwaphuhlisa ukulungiselela uluntu lonke. Ethetha egameni leCape Whale Coast, uMlawuli wezoKhenketho uFrieda Lloyd, ukhuthaze uluntu okokuba luqinisekise ngento yokokuba luphuhlisa iimveliso ezinokuthi zitsale umdla wabakhenkethi. "Xa kukho isizathu sokokuba abakhenkethi bemise eZwelihle, baya kwenza njalo. Kufuneka nje uqinise oko sele unakho ukunikikezela," utshilo.

Njengommandla oselunxwemeni, i-Overstrand inikezela ngololongo olulodwa ekubeni inike ingqwalasela kumat-huba oqoqosho lwaselwandle. Ngaphandle nje kokuduma njengedolophu enkulu ekubekelwa kuyo iminene, ingingqi le inothungelwano loshishino abanokuthi oosomashishini baluhlale njengeendlela zekhono. Ulutsha kufuneka lucamngce ngokuphuhlisa iimveliso ezinokuthi zivale izithuba ze lukhangele imimandla engekahlolwa.

Iiofisi zeLED

Qhagamshelana ne-ofisi ekufutshane kuwe yeLED ngamaxesha esiqhelo omsebenzi iiyure ze-ofisi uku-lungiselela ukufumana uhlaiziyo rhoqo, uqeqesho ucweyo, ngokunjalo namanye amathuba.

Hermanus: Myrtle Street, Amandla kule nombolo 028 313 8192

Gansbaai: IiOfisi zikaMasipala, Yonela kule nombolo 028 313 8333

Kleinmond: ISebe lezeZindlu, Lukhona kule nombolo 078 578 4839

Hawston: IZiko iThusong, Eli kule nombolo 072 899 9289



UMphathiswa wezoKhenketho, uTokozile Xasa (ophakathi), exhagwe ngamagosa onxweme eWESSA Wildlife and Environment Society of South Africa Blue Flag kunye noMlawuli weCape Whale Coast Tourism uFrieda Lloyd (ngaphaya ngasekunene).

I-OVERSTRAND IFUMENE INKXASO-MALI YESIBONELELO SEMIDLALO EPHUMA KUMPHATHISWA

UMphathiswa weNtshona Koloni weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, uAnroux Marais, unikezele ngokusesikweni itsheki esisixa-mali esisigidi esi-R1,171 kuSodolophu wesiQgeba waseOverstrand, uSibonda weDolophu uRudolph Smith ngomhla wesi-4 kuJulayi 2017 kumsitho obubanjelwe eKapa.

UMasipala waseOverstrand ungene kwisivumelwano sothelwano kunye neHermanus High School, iBhunga leMidlalo laseOverberg kunye neWVP Hockey Federation ukulungiselela ukuphuhlisa kweZiko loQeqesho lweHoki eliya kusetyenziswa ngawo onke amaqela anomdla kulo mmandla. Inkxaso-mali eyabelweyo ichongelwe ukuqunjelwa kwamagumbi okutshintshela kunye nezibonelelo zendlu yeklabhu zophuhliso

lwebala lehoki esele liqhutywa.

OoSodolophu boomasipala baseBreede Valley naseMossel Bay nabo ngokunjalo bafumene iitsheki eziphuma kuMphathiswa Marais. IBreede Valley yabonelelwa nge-R100 000 ukulungiselela ukuxhasa ufundo lokufaneleka ukulungiselela ukucwangciswa kwesibonelelo sedama lokuqubha eZwelelthemba, ngeli thuba iMassel Bay yabelwa ama-R200 000 yesibonelelo sebala elitsha lebhola yomnyazi. Inkxaso-mali eyabiweyo iya kunceda oomasipala abahlukeneyo ukuqinisekisa ngophuhliso lwemidlalo nokufumaneka kwezibonelelo zemidlalo ezikudidi olulungileyo kwiingingqi zoluntu olusesichengeni eNtshona Koloni.



Abafotwe ngomsitho wonikezelo nguMphathiswa weNtshona Koloni weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, uAnroux, Marais (osembindini) kunye noSodolophu wase-Overstrand uRudolph Smith kunye neLungu leKomiti kaSodolophu leeNkonzo zoLuntu, uCeba Andrew Komani (ongasekunene).

AKUKHO ZIMPENDULO ZILULA KUSONJULULO LWEENGXAKI ZEZYOBISI INKQUBO YOLWAZI LWEZYOBISI EBIBANJELWE EHAWSTON - Ulutsha Lwethu Olusengciphekweni

USuku lwarhoqo ngonyaka lweZizwe eziManyeneyo loLwazi lweZiyobisi lweHlabathi ngomhla wama-26 kuJuni, lihlabhe ikhwelo kuwo onke amazwe okokuba anike ulwazi malunga nengxaki yehlabathi yeziyobisi. Umgomo wephulo lalo nyaka ngothi Mamela kuQala. Ukumamela kubantwana nakulutsha linyathelo lokuqala lokubanceda ukuba bakhule ngempilo yaye bakhuseleke - ngoko kuthintela iindlela zokuziphatha eziyingozi.

UCeba Amie Africa, iLungu leKomiti kaSodolophu kuMasipala waseOverstrand weeNkonzo zoKhuseleko, usebenzise noAnn Wright, uMlawuli weSustainable Futures Trust (SFT), ukusingatha intsasa yoLwazi lokuSetyenziswa gwenxa kweZiyobisi elungiselelwe abahlali baseHawston ngoMvulo, umhla wama-27 kuJuni. Izithethi ezininzi ziqaqambise unxibelelwano phakathi kweziyobisi nolwaphulo-mthetho, imiba yempilo neentsapho ezingasebenzi kakuhle.

Kujoliswe kulutsha, abaniki bentetho bagxininise kinto yokokuba uxinzelelo lontangandini, ukubaleka ubuhlungu, ukwenzakala, ubuhlwempu nesithukuthezi, sikhokhelela abantwana abancinane abaneminyaka esithoba ubudala kwiziyobisi nokusetyenziswa gwenxa kwazo.

Uthintelo nonyango zingundoqo ekuveliseni imiphumela elungileyo, yaye ixhomekeke kusapho ngalunye kunye noluntu lwengingqi ukuba nolwazi olubhekele phaya ngento eyenziwa ngabantwana babo nabayithethayo.

Intsangu isetyenziswa ngokubanzi eHermanus yaye sisiyobisi esifumaneka lula esineempembelelo ezininzi zethuba elifutshane ngokunjalo neengozo zexesha elide, ezifana nezobuzinza ekufundeni, isifo sengqondo sokuzenza into ongeyiyo, ukubona okanye ukuya into engekho, ukonakala kwesibindi neengozo ezingaqhelekanga kubuzinza bomzimba.

ITiki (Methamphetamine) iyingozi yaye iyarhurisa yaye ibangele ingozi engenakho ukuba ingaququlela kumzimba.

Nangona ukufunxwa kweglu bekusoloko ngaphambili kunxulunyaniswa nabantwana abancinane, ngoko kusetyenziswa ikakhulu ngabafikisayo nabadala abaselula. Ukuse-

tyenziswa kwezirhogoli kunganomphumela wokonakala kwengqondo kwisithuba nje seenyanga ezintandathu.

Ukusetyenziswa gwenxa kutywala kuthatha ixesha kungangxamanga kukusebenza kwengqondo kunye nakwamanye amalungu omzimba. Ubunxila bubobesithathu kwiingozi zempilo eziphambili eOverstrand.

UMarinda Wright kunye noXavier Clarke abaphuma kwiClive Prins Youth Treatment Programme, banike abazali ingcebiso ngamabakuqwalasele yaye noko kunokuthi kwenziwa ziintsapho ukudala ubudlelwane obomeleleyo nabantwana babo.

UCeba Elnora Gillion, uEdmund Arendse wePeople Against Substance Abuse eKleinmond kunye noMarilyn van Rensburg waseHawston Health & Welfare, bathetha ngokubaleka kolongo losapho nokholo kubantwana abangxaki yemiba yokurhura. Ukaptani Fadila Septmber (SAPS) uthethe ngamava akhe kwiingingqi zoluntu ze wakhumbuzwa abaphula-phuli ngento yokokuba amapolisa akho ukuba ancede. UAndré Olivier, umcebisi wezomthetho kuMasipala waseOverstrand, uxoxe ngemithetho emitsha kukusetyenziswa kwentsangu ngumntu elungiselelwe abantu abadala.

UAnn Wright uvakalise umbulelo wakhe kuCeba Africa kunye noMasipala, ngokuvuma ukusebenzisa ne-SFT kwiphulo lokuqhubela phambili impilo-ntle yabantwana baseHermanus abafanele ukufumana ubume obukhuselekileyo nobonwabileyo ukuze baphumelele ze babe ngabemi abaneziphumo.



Abafotwe kwintetho yolwazi ngeziyobisi nguMarinda Wright (ngasekhohlo ngasemva), uXavier Clarke, Nonophla Gama (ngaphambili ngasekhohlo) kunye noAnn Wright.

UKUFUNXWA NEZIRHOGOLI

Kubekho ukwanda kukusetyenziswa gwenxa kwezirhogoli ngabantwana abaselula eHermanus. Abazali kunye nootitshala kufuneka bavunde njengoko oku kuya kuba ngumkhwa owothusayo. "Ukusetyenziswa gwenxa kwezirhogoli kuyinto embi kakhulu kubantwana bamabanga aseprayimari yaye ngoko siqaphela into yokokuba lo mkhwa uyangena ngokunjalo kwizikolo zamabanga aphezulu," utshilo uAnn Wright, umlawuli weSustainable Futures Trust. "Abazali bahleli ekugazini. **HLAKANIPHA.** Ukusetyenziswa gwenxa kwezirhogoli kuyenzeka kuzo zonke izikolo. "Ziqhelanise neempawu ezibonakalayo zokokuba umntwana wakho usebenzisa iziyobisi. Limamele ithuku lakho lemvelo; kungono ukhuseleke kunokuzisola," ungezelele watsho.

Iimpawu zesilumkiso:

- Iibhegi zeplastiki okanye ezephepha ezinevumba elibi;
 - Ukulahleka kwempahla yasekhaya;
 - Ukungcoliseka okukwimikhono, kwiitshufu okanye amaqhina;
 - Ivumba elibi elivela kumphefumlo womntu;
 - Iimpawu zomkhuhlane ezingapheliyo (impumlo evuzayo, amehlo aneenyembezi).
- Zingaphezulu kwawaka izinto ezinokusetyenziselwa ukurhogola iziyobisi. Kumaxesha amaninzi, abantu abasebenzisa gwenxa izirhogoli bazifumana izinto egaraji okanye ngaphantsi kwesinki yasekhishini. Azixabisi kakhulu yaye kulula ukuzifumana, ngoko zimbaleza izithintelo ekubeni bazivavanye iziyobisi. Izirhogoli zibandakanya iikhemikhali ezifumaneka kwiimveliso ezifana nezithuthu-suzi, ulwelo lokucoca, iglu, isihlobisi sepeyinti, ulwelo lokususa ipolishi ezinzipheni, i-amyl nitrite namafutha esilayiti sesigarethi. Ziyafunxwa okanye "zimpakuzwe" ukulungiselela ukuziva unxilele okanye "uhigh". Zinako ukuthuthuzwa kwibhegi yeplastiki, zigalelwe ebhotileni okanye zimanziwe elaphini okanye emkhonweni phambi kokuba zirhogolwe. Ezi zinto zinobungozi zineempawu zokuguqula Ingqondo yomntu xa zithe zarhogolwa. Zisetyenziswa gwenxa ikakhulu ngabantwana abaselula nabafikisayo, yaye kuphela kolona ludidi lweziyobisi olusetyenziswa gwenxa kakhulu ngaba bancinane kunaba badadlana bafikisayo. Abasebenzisi abatsha ababubudala obuyimimya esi-9 ukuya kweli-14 basebenzisa gwenxa ikakhulu iglu, ipolishi yezihlangu, ipeyinti espreywayo, ipetroli nolwelo olukwisilayiti sesigarethi. Abasebenzisi abatsha ababubudala obuyimimya eli-15 ukuya kweli-17 basebenzisa gwenxa ikakhulu izirhogoli ezikudidi olwaziwa njengenitrathi - njenge- amyl nitrites, methamphetamine (TIK) okanye "poppers".

Akukho nqanaba likhuselekileyo kusetyenziso lweziyobisi. Iimpembelelo zinako ukwahlukana kuxhonyekwe kudi okanye kumxube kuba ezi zirhogoli azibonwa njengeziyobisi, ukusetyenziswa gwenxa kubonakala ikakhulu kwinqanaba esele liqhubile phambili xa sele kubonakala ukuba kukho ingxaki. Olu hlobo lwesiyobisi luyafumaneka yaye alubizi mali ininzi, kodwa iimpembelelo ziyingozi yaye zomelele ngaphezulu kunezinye iziyobisi.

UBEN SCHOEMAN UZA KUBA NOMBONISO WOMCULO E-OVERSTRAND



Ngemva kwemini yangeCawa, umhla wama-20 ku-Agasti, umdlali wepiyano odumileyo kwihlabathi nothandwa kakhulu, **uBEN SCHOEMAN**, uya kuba ngumbethi wepiyano ondwendwelelo we-OVERSTRAND ARTS/KUNSTE (OAK).

Wanikwa ibhaso elaziwa ngokuba yiHuberte Rupert Prize eliphuma kwiSA Academy of Arts and Sciences ngowama-2016, ngegalelo lakhe kumculo kwilizwe lakhe lokuzalwa. USchoeman uya kucula umculo kaBach, Schumann, Kodály, Tchaikovsky kunye nokaRachmaninoff.

Ikonsathi iya kubanjelwa kwiCivic Auditorium eHermanus yaye iya kuqalisa ngentsimbi ye-15:30. Uku-bhukisha indawo yokuhlala, qhagamshelana neTOURISM OFFICE kule nombolo 028 312 2629. Amatikiti ali-R140 lilinye ze kubafundi libe ngama-R60. Ukufumana iinkcukacha ezingaphezulu, qhagamshelana noRené du Plooy kule nombolo 082 940 4238 okanye 028 312 1895.



UJULAYI EKUNGASETYENZISWA PLASTIKI NANGAPHEZULU.....

Ngethuba oya kuthi ufunde oku, iPlastic Free July iya kube sele idlule, kodwa ayinakuba sesona sizathu siya kubangela okokuba uwuyeke umngeni wakho walo nyaka. Mhlawumbi ube ungaqondanga okokuba iPlastic Free July yinkqubo yehlabathi lonke, ukukhuthaza abantu bacamngce kakhulu ngendlela abangathoba ngayo inani lokusebenzisa iplastiki ibe nye kuphela apha ebomini babo?

Ukuba ngaba ungazinika umngeni wokuyeka ibe nye kwibhotile ezi-4 zeplastiki, iibhegi zeplastiki zokuya kuthenga ukutya nempahla evenkileni, izifunxi zeplastiki okanye iikomityi zekofu zeplastiki - kungakuhle oko. Nangona kunjalo, njengoko inyanga isiya esiphelweni, kutheni ungangezeleli kwimpumelelo yakho ngokukhetha okokuba uzingande ekuthengeni imveliso eyenye oyisebenzisa kube kanye? Ubuyazi into yokokuba Ama-50% azo zonke iplastiki ezenziwa kwilizwe liphela iplastiki esetyenziswa kube kanye kuphela? Isetyenziswa kube kanye kangangemizuzu nje embalwa ze iphelele kwindawo ekulahlwa kuyo inkunkuma okanye elwandle kangangamakhulu eminyaka. Bubudenge obunjani ke obo? Imilinganiselo yethu yovuselelo lwenkunkuma iphinde isetyenziswe kwakhona iyahlukana phakathi kwesi-7% ne-14%, ngoko ukuziguzula ezi zinto zisetyenziswa kube kanye kubomi bakho, yindlela elungileyo emayilandelwe.

Ukuba ngaba usele uziguzule ezi zinto zi-4 zinkulu kubomi bakho, ngokuqinisekileyo zikhona ezinye iindlela ezininzi ongathi ube nakho ukuzibandakanya ukulungiselela ukunciphisa ngaphezulu ukusetyenziswa kwezinto ezifana nezi. Uthini ngeenkonxa zokugcina izinto zasekhishini? Kuthintela ukuthenga ezeplastiki, njengoko likhemikhali eziyingozi zivuzela kuzo yaye kunokusulela ukutya okungaphakathi. Kancinane thenga endaweni yazo ezeplastiki okanye ezecangi ekhishini lakho. Ukuba ngaba umzekelo, unelungelo lokukhetha kwibhotile yamandongomane ekwibhotile yegasi okanye kweyeplastiki kwiivenkile ethengisa ukutya, khethe ngalo lonke ixesha le ikwiglasi. Iglassi ayinantsukumo yaye inakho ukuguqulwa amaxesha amaninzi ngokungenasiphelo, kanti oko akunakwenziwa kwiplastiki.

Umnay umbono ngowakuba kusetyenziswe igaga lesepha endaweni yesepha elulwelo ekwibhotile yeplastiki. Unganako ukulundolozwa imali ngokuthi uthenge isepha elulwelo ngesixa esikhulu ze uyazalise kwibhotilana ezincinane zeglasi ukunciphisa ukusetyenziswa kweplastiki. Hloa ikhabhathi yakho kwigumbi lokuhlambela ukhangele iimveliso ezingeyomfuneko kakhulu okanye ekungasetyenziswa endaweni yazo ezinobuhlobo nendalo. Khethe izinto ezenziwe ngogalo (ibhambu), iglasi, umqhaphu kunye nomthi ekwenziwa ngawo intontela ngaphezulu kweplastiki okanye imisonto yeplastiki edityanisiweyo. **Ukufumana ingcaciso engaphezulu nceda uqhagamshelane noFiona Matthes kuthungelwano lweFacebook @rethinkthebaghermanus okanye nge-imeyile, Fiona.econatural@gmail.com.**

